Ikamva-Ukunonophela abantwana bethu

Isiqinisekiso sesibini

Isihloko sesifundo: UYesu Kristu - Inqaku lesibini loKholo

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya

Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiQinisekiso esithi **“UYesu Kristu - Inqaku lesibini loKholo.”**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo: • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela • ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neeMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso) **Qaphela:** 2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa. . 2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45. 2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 2). 2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.

Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. **Umzekelo**: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna Uku….)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 2.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).
4. Nxibelelana kunye noMphathi webandla wesikolo seCawa okanye uTitshala wesiQinisekiso ukuze ufumane iinkcukacha ezongezelelweyo.

Isifundo

Isihloko seSifundo	UYesu Kristu - Inqaku lesibini loKholo
Isifundo seBhayibhile **ICatechism & Q&A**	Efese 4: 8-9; Mateyu 3:17; Yohane 15:13; Yohane 13: 4-5; Yohane 8: 3-11; Mateyu 11:28 Isahluko 3, ImiBuzo neeMpendulo 42; 93, 94, 178, 182; 194; 195
Injongo yesifundo	UYesu Krestu usembindini wokholo lwethu. Ungumzekelo wethu kuzo zonke iimeko. Abaqinisekiswa bayamazi kwimisebenzi Yakhe yanamhlanje. Bafuna ukubona ukusondela kwakhe.

Isishwankathelo sesifundo:

Ngubani uYesu Kristu? Uyintoni uYesu Kristu kum? Ngawaphi amagama awawafumanayo?

INkosana yoXolo	Indlela, iNyaniso noBomi	Isonka soBomi
Uvuko noBomi	UMsindisi	UMhlawuleli
Nyana kaThixo	Ukukhanya kweLizwe	Umzekelo
Lowo uvukileyo	Malusi olungileyo	Umyeni

1. <u>UYesu Krestu uNyana kaThixo:</u>

NguNyana kaThixo okuphela kwamzeleyo, wakhawulwa ngoMoya oyiNgcwele kwaye wazalwa yiNtombi uMariya - kumnombo kaDavide (iKrisimesi). UYesu weva ubunzima phantsi koPontiyo Pilato, wabethelelwa emnqamlezweni, wafa waza wangcwatywa (ngoLwesihlanu olungileyo). Wangena kwiNtlalo yabalele ukufa (Efese 4: 8-9) wavuka kwelabafileyo (ngeCawe yePasika). UYesu wenyuka waya ezulwini (Usuku Lokwenyuka) kwaye uhleli ngasekunene kukaThixo apho uYesu abuya khona (uvuko lokuqala).

2. UYesu Kristu uMsindisi wam - Uyandithanda:

UYesu Krestu wazisa elona dini liphezulu emnqamlezweni ngentlawulelo yethu, kuba uluthanda kakhulu uluntu. UThixo, uYise, wathi kuye:
"Lo nguNyana wam oyintanda, endikholisiweyo nguYe" UMateyu 3:17. Kule nto siyiqonda enye yezona mpawu zibalaseleyo zikaYesu: Uthando lwaKhe olukhulu kubo bonke abantu, nakum.

Zithini ezinye iimpawu zika Yesu?

Imizekelo ebomini bukaYesu	Iimpawu
Endikholisiweyo nguYe - uYesu wayesoloko esenza ukuthanda kukaThixo	Ukuthobela onkuthembela
Wahlamba iinyawo zabafundi baKhe (Yohane 13: 4-15)	Ukuthobeka, ubuntu
Wanyamezela ukubandezeleka nokungcikivwa (Mateyu 27:30)	Isidima nobumnene
Wabaphatha ngemfesane aboni (Yohane 8: 3-11)	Imfesane

Le mizekelo ibonisa ukuba kulula ukuba nobuhlobo obusondeleyo noYesu Krestu. UYesu wathi; "Yizani kum nonke nina nibulalekayo, nisindwayo ngumthwalo, ndoninika ukuphumla" (Mateyu 11:28). **Sifuna ukuba njengoYesu Kristu.**

3. UYesu Krestu namhlanje:

Sinamava njani ngoYesu Krestu namhlanje?

- Kumonde nenceba ngokuxolela kumthandazo woxolelo,
- Kukusondela kwakhe emthandazweni,
- Kubukho baKhe nothando kuMthendeleko oNgcwele,
- Kuncedo lwaKhe kwidabi lethu lokoyisa isono kunye nenkathalo yaKhe edingekayo kwimbulaleko.

Kwakuphi okanye indlela owaba namava ngayo ngothando lukaYesu ebomini bakho? Wabanamava xa kutheni ngoncedo lukaYesu? Cinga ngobudlelane bakho noYesu nomsebenzi waKhe ebomini bakho.

UYesu wawuqala umsebenzi waKhe, kwaye nanamhlanje uyawugqibabezela.
UYesu Krestu wathuma abaPostile baKhe kwaye usabathuma nanamhlanje (Yohane 20:21).
Idini likaYesu lisasebenza nanamhlanje (Mateyu 28: 20).
Ngotywino oluNgcwele singamalungu ebandla elingumtshakazi likaYesu Krestu.

UYesu uza kubuya kwakhona anithabathele kuye!

Inqaku lesiBini loKholo:

Ndiyakholwa kuYesu Krestu, uNyana kaThixo okuphela kwamzeleyo, iNkosi yethu, owakhulwa ngoMoya oyiNgcwele, wazalwa yiNtombi uMariya, wava ubunzima phantsi koPontiyo Pilato, yabethelelwa emnqamlezweni, wafa, yangcwatywa, wangena kwintlalo yabangasekhoyo , Wavuka kwelabafileyo ngomhla wesithathu, wenyuka waya ezulwini. Uhleli ngasekunene kukaThixo, uYise Usonamandla, apho abuyela khona.

Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- Siyakholwa kuYesu Krestu, uNyana kaThixo okuphela kwamzeleyo.
- UYesu usembindini wokholo lwethu.
- Ungumzekelo wethu kuzo zonke iimeko.
- Njengabaqinisekiswa, simazi kwimisebenzi yaKhe yanamhlanje. Sifuna ukuba namava okuba kufuphi kwaKhe kwaye sifane naye.

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. **Ngubani uYesu Kristu?**
   Impendulo: NguNyana kaThixo. Uyindoda eyinaniso noThixo oyinyaniso.
2. **Uyintoni uYesu Kristu kum?**
   Impendulo: UYesu nguMsindisi noMhlawuleli wam, umyeni womphefumlo wam. Wazisa umbingelelo waKhe ngenxa yam.
3. **Ngawaphi amagama anikwa uYesu Krestu? Khankanya nje ezimbalwa?**
   Impendulo: INkosana yoxolo, uNyana kaThixo, umalusi olungileyo, isonka sobomi, njl.
4. **Kwenzeka ntoni ngosuku lweKrisimesi nangoLwesihlanu oLungileyo?**
   Impendulo: Kukuzalwa kukaYesu Krestu. Ukubethelelwa emnqamlezweni kukaYesu Krestu
5. **Sithini isifundo senqaku lesibini lokholo?**
   Impendulo: Ndiyakholwa kuYesu Krestu, uNyana kaThixo okuphela kwamzeleyo, iNkosi yethu, eyakhawulwa ngoMoya oyiNgcwele, yazalwa yintombi uMariya, weva ubunzima phantsi koPontiyo Pilato, wabethelelwa emnqamlezweni, wafa, wangcwatywa, wangena kwintlalo yabafileyo, wabuya wavuka kwabafileyo ngomhla wesithathu, wenyukela ezulwini. Uhleli ngasekunene kukaThixo, uYise uSomandla onke, apho abuyela khona.

Amanqaku ongezelelweyo Bazali abathandekayo

1. Njengenxalenye yomsebenzi wasekhaya, umntwana wakho kufuneka afunde inqaku lesibini lokholo alazi ngentloko.

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo oonaMandla onke noBawo ongunaphakade

Enkosi ngale mini imangalisayo

Ngombulelo sizithoba phambi kwaKho namhlanje

Kwaye enkosi ngelinye ithuba osinike lona lokufunda

Siyakucela ukuba usincede ukuze siqonde kwaye sisibambe isifundo kodwa ngaphezu kwako konke, sinike Amandla okusisebenzisa kubomi bethu bemihla ngemihla.

Sikucela oku egameni likaYesu

Amen